

Ukuphila UbuKristu



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela le Veki:

Roma 14–16.

Indima Yenkumbulo:

“Yini na ukuba umgwebe umzalwana wakho? Kuba thina siya kuma sonke phambi kwesihlalo sokugweba sikaKristu” (Roma 14:10).

Ngoku sikwindawo yokugqibela yesifundo sethu sencwadi yabaseRoma, incwadi ekwazalwa kuyo uHlaziyo lwamaProtestanti—incwadi esibonisa ngaphezu kwayo nayiphi incwadi enokusibonisa, ukuba kungani ukuba sibe ngamaProtestanti nokuba kutheni kufuneka sihleli ngaloo ndlela. NjengamaProtestanti, ngakumbi njengama-Seventh-day Adventist, simi kumthetho-siseko othi Sola Scriptura, iBhayibhile kuphela engumgangatho wokholo. KuseBhayibhileni apho sifunde khona inyaniso enye eyabangela oomawokhulu bethu basemoyeni kwiinkulungwane ezadlulayo ukuba baqhekeke eRoma—inyaniso enkulu yosindiso ngokholo, inyaniso exelwe ngamandla kwiileta zikaPawulos eziya kumaRoma. Mhlawumbi le nto yonke ingashwankathelwa ngumbuzo womhedeni ongumgcini-mabanjwa, “Ndimelwe kukuthini na, ukuze ndisindiswe?” (IZenzo 16:30). KumaRoma, sifumene impendulo kuloo mbuzo—kwaye impendulo yayingeyiyo le nto ibandla laliyinika ngexesha likaLuther. Kungoko kwaqala uHlaziyo, silapha ke namhlanje. Kule, indawo yokugqibela, uPawulos uchukumisa ezinye iintloko, mhlawumbi, ezingekho mbindini womxholo wakhe ophambili. Ngoko ke, kuthi zisisiBhalo esigcwele, nazo. UPawulos uyigqibezele njani le leta, yintoni awayibhalayo, zaye zisithini iinyaniso ezilapho kuthi, iindlalifa, ezingezizo ezikaPawulos nje kuphela, ngokwenene, ezoomawokhulu bethu abangamaProtestanti.

**Funda isifundo sale veiki ukulungiselela iSabatha kaDisemba 30.*

Ukuswela Amandla Elukholweni

KumaRoma 14:1–3, umbuzo ungokutya iinyama ezazinokuba zazibingelelwa kwizithixo. Iqumrhu laseYerusalem (IZenzo 15) lawisa umthetho wokuba abaguqukileyo beeNtlanga bamele ukuyeka ukutya ukutya okunjalo. Kwakusoloko kukho umbuzo ongokuba ingaba iinyama ezithengiswayo kwimalike kawonke-wonke kwakufuneka zibe zezezilwanyana ezibingelelwe kwizithixo na (bona 1 Kor. 10:25). Amanye amaKristu ayengakhathali konke ngaloo nto; amanye, ukuba yayikho intwana yokuthandabuza, akhetha ukutya imifuno kunayo. Umba lo wawungenanto yakwenza nokungaty nyama nokuphila ngendlela yempilo. Kanti uPawulos akathi kule ndawo umahluko phakathi kweenyama ezihlambulukileyo nezingahlambulukanga ususiwe. Asinguwo umcimbi ekuthethwa ngawo lo. Ukuba amagama “angazidla izinto zonke” (Roma 14:2) bekunokuthiwa ngoku athetha nasiphi isilwanyana, esihlambulukileyo okanye esisesinye, singatywa, bekuya kuba sisetyenziswa gwenxa. Ukuthelekisa nezinye iindawo zeTestamente eNtsha bekungayi kukuvuma ukusetyenziswa okulolo hlobo. Ngaxesha nye, u“kwamkela” oswele amandla elukholweni kwakuthetha ukumnika ubulungu obupheleleyo kumgangatho wasekuhlaleni. Kwakungafuneki kuxoxwe nomntu kodwa anikwe ilungelo lembono yakhe.

Uthini umthetho-siseko esiwufumanayo, ke ngoko, kumaRoma 14:1–3?

Kubalulekile, nako, ukuqonda ukuba kumaRoma 14:3 uPawulos akathethi ngokuchasene ngalowo “uswele amandla elukholweni” Roma 14:1. Kanti ke akamniki lo mntu icebiso lokuba namandla. Ngokubhekiselele kuThixo, umKristu onobuceducedu (obonwa enobuceducedu, ngokucacileyo,) kungenguThixo kodwa ngamanye amaKristu akunye naye uyamkelwa. “UThixo umamkele.”

Uyandisa njani umaRoma 14:4 le nto sisanda ukuyiqwalasela?

Nangona sidinga ukuyigcina engqondweni imithetho-siseko ebonakala kwisifundo sanamhlanje, ingaba awakho amaxesha neendawo apho sidinga ukuba singenelele sigwebe, ukuba asigwebi intliziyo yomntu, noko, ibe zizenzo zakhe? Ingaba kufuneka sibuye umva singathethi singenzi nto kuzo zonke iimeko? Ulsaya 56:10 uchaza abalindi njenge “zinja ezizidenge, ezingenakukhonkotha.” Singazi njani ukuba masithethe nini nokuba sithule nini? Sihlangabezana njani nemeko?

Phambi Kwesihlalo Sokugweba

Funda Roma 14:10. Sithini isizathu asinikayo apha uPawulos ukuba silumke ngendlela esibagweba ngayo abanye?

Sikholisa ukubagweba kalukhuni abanye ngamanye amaxesha, sibe nathi sikholisa ukwenza kwaezo zinto. Amaxesha amaninzi, oko sikwenzayo akuye kubonakale kukubi kuthi njengaxa abanye bekwenza. Singazenza izidenge ngokuhanahanisa kwethu, kodwa asingeke sikwazi kuThixo, owasilumkisayo: “Musani ukugweba, ukuze ningagwetywa. Kuba ngogwebo enigweba ngalo, niya kugwetywa kwangalo nani; nangomlinganiselo enilinganisela abanye ngawo, niya kulinganiselwa kwangawo nani. Yini na ke ukuba usibone isibi esisesweni lomzalwana wakho, kanti akuwuqiqi wona umqadi okwelakho iliso?” (Mat. 7:1–4).

Yintoni ebaluleke ngayo intetho ephuma kwiTestamente eNdala ayingenisayo apha uPawulos? Roma 14:11.

Isicatshulwa esiphuma kuIsaya 45:23 sixhasa ingcamango yokuba bonke baya kuza engwebeni. “Onke amadolo” nazo “zonke iilwimi” kuzenza zize emntwini ngamnye izimemo [zasemgwebeni]. Into ethethwayo ithi, umntu ngamnye uya kuziphendulela ngobakhe ubomi nezenzo (Roma 14:12). Akukho uya kuphendulela omnye. Kulo mcimbi ubalulekileyo, asingabo abagcini babazalwana bethu.

Uwugcine umxholo engqondweni, uyiqonda njani into ethethwa nguPawulos kumaRoma 14:14?

Umcimbi usekukutya okunikelwe kwizithixo. Umba, ngokucacileyo, asingumahluko phakathi kwezidlo ezibonwa zihlambulukile nezingahlambulukanga. UPawulos uthi akukho nto ingalunganga kangako ekutyeni ukutya okunokuba bekunikelwe kwizithixo. Ngapha koko, siyintoni isithixo? (bona u-1 Kor. 8:4), ngoko ke ngubani okhathalayo xa umhedeni othile enikela ukutya kumfanekiso oqingqiweyo wexoxo okanye inkunzi [yenkomo]? Akufuneki ukuba umntu enziwe ukuba onakalise isazela sakhe, nokuba isazela sichukumiseka kakhulu. Le nto, abazalwana “abanamandla” kubonakala ngokungathi abazange bayiqonde. Bakujongela phantsi ukuba nobuceducedu kwabazalwana “abasele amandla” baza babeka izikhubekiso endleleni yabo.

Kungaba kungenzeka ukuba wena, kwinzondelelo yakho ngenxa yeNkosi, ube kwingozi uPawulos alumkisa ngayo apha? Kutheni le nto kufuneka sikunonophele kakhulu ukungafuni ukuba zizazela zabanye, nokuba zilunge kangakanani iinjongo zethu?

Akukho Sikhubekiso

Funda Roma 14:15–23 (Bona naku-1 Kor. 8:12, 13). Shwankathela kule miga ingezantsi umongo wento ethethwa nguPawulos. Singafumana umthetho-siseko othini kule ndawo esinokuwusebenzisa kuzo zonke iinkalo zobomi?

KumaRoma 14:17–20 uPawulos ubeka amacala aliqela obuKristu kwindawo efanelekileyo. Nangona ukuthanda ukutya kubalulekile, amaKristu awamele kulwa ngokukhetha kwabanye ukutya imifuno endaweni yenyama enokuba ibinikelwe ezithixweni. Endaweni yoko, afanele ukuqwalasela ebulungiseni, eluxolweni, nasekuvuyeni okukuMoya Oyingcwele. Singayisebenzisa njani le mbono kumba wokuthanda ukutya namhlanje ebandleni lethu? Nokuba sesingakanani isigidimi sempilo, ngakumbi imfundiso engokuthanda ukutya, sinokuba yintsikelelo kuthi, asinguye wonke umntu owubona lo mbandela ngendlela efanayo, kwaye sidinga ukuzihlonipha ezo yantlukwano.

KumaRoma 14:22, phakathi kwayo yonke le ntetho engokuyekela abantu kwisazela sabo, uPawulos wongeza isilumkiso esibaluleke kakhulu: Unoyolo lowo ungazigwebiyo kuloo nto ayicikidileyo.” Sisilumkiso esithini uPawulos asinikayo apha? Oku kukulungelelanisa njani okuseleyo koko akuthethayo kule ndinawo?

Waka wamva umntu esithi, “Asingomcimbi wamntu into endiyityayo okanye endiyinxibayo okanye uhlobo lokuzonwabisa endixakeka lulo?” Ingaba kunjalo? Akukho namnye kuthi ozihlalela kwihamte. Izenzo zethu, amazwi, izenzo, nento esiyityayo, inako ukubachukumisa abanye, nokuba kungokuhle okanye okubi. Akunzima ukubona ukuba kanjani. Ukuba ubani ukhangela kuwe ukuba abone usenza into “engalunganga,” unokufumana impembelelo kumzekelo wakho ukuba enze kwaloo nto. Sizenza izidenge ukuba sicinga ngenye indlela. Ukuxoxa ukuba akunyanzeli mntu leyo yinto esecaleni emxholweni. NjengamaKristu, sinomthwalo omnye komnye, kwaye ukuba umzekelo wethu ungalahlekisa omnye, sinobutyala.

Ngumzekelo onjani owunikayo? Ungaziva wonwabile ngokufumana abanye, ngakumbi abantu abatsha, belandela umzekelo wakho kuyo yonke imihlaba? Ithini impendulo yakho ngawe?

Ukugcinwa Kwemihla

Kule ngxoxo ingokungabagwebi abanye, abanokuzibona ezinye izinto ngendlela eyahlukileyo kunokuba thina sisenza, kwaye kwabanye abanokukhubeka zizenzo zethu, uPawulos uza nombona weentsuku ezikhethekileyo abanye abafuna ukuzigcina baye abanye bengafuni.

Funda Roma 14:4–10. Simele ukuyiqonda njani le nto ithethwa nguPawulos apha? Ingaba le nto inento eyithethayo ngomthetho wesine? Ukuba akunjalo, ngokuba kutheni?

UPawulos uthetha ngaziphi iintsuku? Ingaba kwakukho imbambano kwibandla lokuqala ngokugcinwa okanye ngokungagcinwa kweentsuku ezithile? Ingathi kunjalo. Sifumana urhesho lwembambano enjalo kumaGalati 4:9, 10, apho uPawulos ehlasela amaKristu aseGalati ngokugcina “imihla, neenyanga, namaxesha, neminyaka.” Njengoko besiqaphele kwisifundo 2, abanye ebandleni boyisela amaKristu aseGalati ukuba oluke agcine neminye yemimiselo yomthetho kaMoses. UPawulos wayesoyika ukuba ezi ngcinga zingalilimaza ibandla laseRoma, nalo. Mhlawumbi ke kodwa, eRoma yayingamaKristu angamaYuda ngokukodwa awayenengxaki yokuzoyisela wona ukuba awadingi ukuba abe sayigcina imihla yeminyhadala yobuYuda. UPawulos uthi apha, Yenzani ngokuthanda kwenu kulo umcimbi; into ebalulekileyo asikungabagwebi abo bawubona lo mcimbi ngokwahlukileyo kuni. Kuyabonakala ukuba amanye amaKristu, ukuba kwicala elikhuselekileyo, agqiba ukuba agcine omnye okanye emibini kwimihla yemibhiyozo yamaYuda. Icebiso likaPawulos lithi: Mabenze njengoko boyisakele ukuba benze. Ukufaka iSabatha yeveki ngeveki kumaRoma 14:5, njengoko abanye bexoxa, kwakungekho lungelweni. Angakwazi umntu ukuba nombono kaPawulos eba nengqondo yokubuya umva ngakumthetho wesine? Njengoko sibonile kwikota yonke, uPawulos ucinezele kakhulu ekuthotyelweni komthetho, ngoko ke, wayengazi kubeka umthetho weSabatha kudidi olunye ngokwabantu ababengakhululekanga ngokutyiwa kokutya okwakunokuba kunikelwe kwizithixo. Sekunjalo, ezi ndima zisetyenziswa njalo njengomzekelo wokubonisa ukuba iSabatha yosuku lwesixhenxe ayisabopheleli, akukho nto injalo ziyithethayo. Ukusetyenziswa kwazo ngaloo ndlela ungumzekelo ophathekayo wento uPetros awalumkisa ukuba abantu babeyenza ngeencwadi zikaPawulos, esithi: “Njengokuba, nasezincwadini zakhe zonke, ethetha kuzo ngezo ndawo; ekukhoyo kuzo zithile ziqiqeka nzima, abathi abangafundileyo, nabangazimasekanga, baziqgweithele kokwabo ukutshabalala, njengokuba bezenjenjalo nezinye izibhalo” (2 Pet. 3:16).

Athini amava akho ngeSabatha? Ingaba ibe yintsikelelo eyayimele ukuba ibe yiyo? Zinguqulelo zini onokuzenza ukuze ukuxhamle ngokukhulu oko iNkosi ikunika kona ngeSabatha?

Amazwi Okugqibela

Funda Roma 15:1–3. Yinyaniso ethini ebalulekileyo efunyanwa kule ndawo?

Yeyiphi indlela ethi le ndawo ikubambe kakhulu okuthethwa kukuba ngumlandeli kaYesu?

Zeziphi ezinye iindima ezifundisa kwale ngcamango inye? Okubaluleke kakhulu, ungenza njani wena ngokwakho ukuba uwuphile lo mthetho-siseko?

Njengokuba uPawulos esiya ekuyivaleni le leta, zithini iintsikelelo [le nto sithi lufefe] ezahlukeneyo awazithethayo? Roma 15:5, 6, 13, 33.

‘UTHixo wonyamezelo’ uthetha uThixo onceda abantwana baKhe ukuba banyamezela bezinzile. Igama eliguqulwe “unyamezelo” uhupomone, lithetha “isibindi,” “ukunyamezela ngokuthe nkqi.” Igama lika “uvuselelo” lingaguqulwa ngokuthi “inkuthazo.” UThixo wenkuthazo nguThixo okhuthazayo. UThixo wethemba nguThixo onike uluntu ithemba. Ngokunjalo, uThixo woxolo nguThixo onika uxolo nekuthi kuYe umntu abe nako ukuba noxolo.

Emva kweqela lemibuliso yakhe, uyivala njani uPawulos ileta yakhe? Roma 16:25–27.

UPawulos uyivala ileta yakhe ngokunika indumiso ezukileyo kuThixo. UThixo nguYe amaKristu aseRoma, nawo wonke amaKristu, anokubeka kuYe ithemba lawo ngokukhuselekileyo ukuqinisekisa ukuma kwawo njengoonnyana neentombi, abantwana bakaThixo abahlangulweyo, bagwetyelwa ngokholo nabakhokelwa, ngoku, nguMoya kaThixo. Siyazi ukuba uPawulos waphefumlelwa yiNkosi ukuba abhale le leta ukuphendula imeko ekhethekileyo ngexesha elikhethekileyo. Into esingayaziyo zizo zonke iinkcukacha ezingoko iNkosi yakutyhilayo kuPawulos ngekamva. Ewe, uPawulos wazi ngo“lahlo” (2 Tes. 2:3), nangona ukuba wayesazi kangakanani, indima ayixeli. Ngokufutshane, asazi nokuba uPawulos wayenaloo ufifi lwendawo yena nakubhalileyo, ngakumbi le leta, awayeya kuba nayo kwiziganeko zokugqibela. Ngenye indlela, ayina nto inayo. Into ebalulekileyo yeyokuba, kwezi ndima, kwazalwa ubuProtestanti, kwalapha kuzo, abo bafuna ukuhlala bethembekile kuYesu bafumana kwaye baya kuhlala befumana isiseko sesiBhalo abanokubeka phezu kwaso ukholo nokuzinikela kwabo, naxa ihlabathi “lilandela irhamncwa” (IsiTy. 13:3).

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, “Unity and Love in the Church,” amaph. 477, 478; “Love for the Erring,” amaph. 604–606, in *Testimonies for the Church*, vol. 5; “Helping the Tempted,” iph. 166, in *The Ministry of Healing*; iph. 719, in *The SDA Bible Commentary*, vol. 6. “Ndaboniswa ingozi yabantu bakaThixo ngokukhangela uMzalwana noDade White becinga ukuba bamelwe kukuza kubo nemithwalo yabo bafune ingcebiso kubo. Akumele kubanjalo oko. Bayamenywa nguMsindisi wabo onemfesane nothando ukuba beze kuYe, xa bediniwe besindwa ngumthwalo, uya kubanika ukuphumla. . . . Baninzi abeza kuthi befuna ukuqonda: Ndingakwenza oku? Ndingalenza eli shishini? Okanye, ngokubhekiselele kwisinxibo, ndingayinxiba le into? Ndiye ndiphendule ndithi, Nithi ningabafundi bakaKristu. Fundani iBhayibhile zenu. Fundani ngononophelo nangomthandazo ngobomi boMsindisi wethu othandekayo ngexesha wayephila phakathi kwabantu emhlabeni. Linganisani ubomi baKhe, anisayi kufumaneka niphambuka kwindlela emxinwa. Siyala ngokupheleleyo ukuba sisazela senu. Ukuba sithi sinixelele into emaniyenze, niya kukhangela kuthi ukuba sinikhokele, endaweni yokuziyela ngqo kuYesu ngokwenu.”—Ellen G. White, *Testimonies for the Church*, vol. 2, pp. 118, 119. “Asinako ukubeka uxanduva lomsebenzi wethu phezu kwabanye, silindele kubo ukuba basixelele into emasiyenze. Asinako ukuxhomekeka eluntwini ngecebiso. INkosi iya kusifundisa umsebenzi wethu ngokukhululeke njengoko iya kufundisa nomnye umntu. Ukuba siza kuYo ngokholo, iya kuzixela kuthi ngokwethu iimfihlelo zaYo. . . . Abo bagqiba ukuba bangenzi nanye into engasayi kumkholisa uThixo, baya kwazi, emva kokuba bewubekile umcimbi wabo phambi kwaKhe, ukuba mabathabathe eliphi ikhondo.” —*The Desire of Ages*, p. 668. “Bahlala bekho ebandleni abo basoloko bekekelele ekuzimeleni bodwa. Ingathi abaqondi ukuba ukuzimela geqe komoya kunengozi yokumkholelela umntu ongumthunywa ekuthembeni eyakhe imbono endaweni yokuhlonipha icebiso, axabise kakhulu imbono yabazalwana bakhe.”—*Izenzo Zabapostile*, iph. 163.

Imibuzo Yokuxoxwa:

Njengokuba sinikiwe eminye imixholo yale veki, ingaba thina njengamaKristu sikufumana njani ukuzinza kakuhle:

- (a) Ekuthembekeni koko sikukholelwayo, kodwa singabagwebi abanye abazibona izinto ngendlela eyahlukileyo kunathi?
- (b) Ekunyanisekeni kwezethu izazela, singafuni ukuba zizazela zabanye, lo gama ngelo xesha linye sifuna ukunceda abo sikholelwa ukuba bakwimposiso? Sithetha xa kutheni, sithule xa kutheni?
- (c) Ekukhululekeni eNkosini kodwa, kwangelo xesha linye, siwuqonda umthwalo esinawo wokuba yimizekelo emihle kwabo banokuba bakhangele kuthi?

